# Inkqubo Yonyulo

## I-CHANCELLOR

**4. Imisebenzi ye-chancellor**

(1) I-chancellor yintloko yeYunivesithi ngesikhundla.

(2) I-chancellor, okanye ukuba ayikho, loo mntu uchongiweyo ukuba asebenze egameni le-chancellor, uba ngumhlali ngaphambili kuzo zonke iintlanganiso zeYunivesithi, kwaye uthwesa zonke izidanga aze anikezele ngazo zonke iidiploma nezatifikethi egameni leYunivesithi.

**5. Unyulo lwe-chancellor**

(1) I-chancellor yonyulwa libhunga lolonyulo.

(2) Irejistra kumele iqulunqe ibhunga lolonyulo kwiinyanga ezintathu ubuncinane phambi kokuqalisa kwexesha lokukhonza e-ofisini okanye nanini na xa i-ofisi ingenamntu ukwesi sikhundla.

(3) Ibhunga lolonyulo liqulathe -

- **(a)** umongameli wentlangano;
- **(b)** amalungu angamashumi amabini ananye onyulwe ngabo banezidanga, nabo baneediploma nabanezatifikethi, kumaqela abo, ngale ndlela iyalelwe kumhlathana (5);
- **(c)** amalungu amathandathu onyulwe ngabasebenzi bezemfundo kwiqela labo, ngendlela eyalelwe kumhlathana (6)
- **(d)** amalungu amathandathu onyulwe ngabasebenzi abaziingcali, abenkxaso yezolawulo kunye nabasebenzi abancedisayo, kumaqela abo, ngendlela eyalelwe kumhlathana (7); kunye
- **(e)** nabafundi abathandathu abonyulwe yi-SRC.

(4) Inkubo yokuchonga abagqatswa ukwenzela unyulo lwe-chancellor ihamba ngale ndlela ilandelayo -

- **(a)** I-rejistra kumele ipapashe isaziso ngendlela ibhunga elinokuthi kumaxesha ngamaxesha lenze isigqibo sokubiza amagama abachongiweyo.
- **(b)** Igama ngalinye elichongiweyo kumele libhalwe phantsi, kwaye kumele -

i. lisayinelwe ngabantu abangama-20 ubuncinane kwaye bangadluli kwabangama-30, ngalinye kumele libe lilungu lentlangano okanye ilungu labasebenzi okanye umfundi;
ii. likhatshwe sisamkelo esibhaliweyo sokuchongwa kwalo mgqatswa, kwakunye namazwana avela kuye, angadlulanga kumagama angama-200, ashwankathela iimpepha namava akhe kunye nokuzigqatsa kwakhe; kwaye
iii. lifunyanwe yirejistra ngalo mhla iwubekeleyo kwisaziso okanye ngalo mhla usemva koko uvunywe libhunga.

(5) Inkqubo apho abanezidanga nabo baneediploma nezatifikethi besonyula ama-21 kwiqela labo ukuba babe ngamalungu ebhunga lolonyulo imi ngale ndlela ilandelayo –

(a) Irejistra kumele ipapashe isaziso ngendlela ibhunga elinokuthi lenze isigqibo sokubiza amagama abachongiweyo.

(b) Igama ngalinye elichongiweyo kumele libhalwe phantsi kwaye kumele -

(i) lisayinelwe ngabantu abathandathu, ngamnye kubo kumele abe unesidanga, okanye unediploma okanye isatifikethi;

(ii) likhatshwe sisamkelo esibhaliweyo sokuchongwa kwalo mgqatswa, kwakunye namazwana avela kuye, angadlulanga kumagama angama-200, ashwankathela iimpepha namava akhe kunye nokuzigqatsa kwakhe; kwaye

(iii) lifunyanwe yirejistra ngalo mhla iwubekeleyo kwisaziso.

(c) Ukuba irejistra ifumana amagama abachongwa angama-21 okanye ngaphantsi kunoko, kumele ibhengeze ukuba abo bachongiweyo bonyuliwe ngokwemigaqo.

(d) Ukuba irejistra ifumene abachongwa abangaphezu kwama-21, kumele ibambe ibhalothi yabo banezidanga kunye nabaneediploma nezatifikethi, emva kokupapasha amazwana abagqatswa awenzelwe unyulo, indlela yokuthathwa kwebhalothi kumele kugqitywe ngayo libhunga kumaxesha ngamaxesha.

(e) Ukuba irejistra ifumana abachongwa abangaphantsi kwabangama-21, kumele iyiphinde le nkqubo iku-(a), (b) no-(c) ukuze ifikelele kwabangama-21.

(6) Inkqubo apho abasebenzi bezemfundo bonyula isithandathu kwiqela labo ukuba babe ngamalungu ebhunga lolonyulo imi ngale ndlela ilandelayo –

(a) Irejistra kumele ipapashe isaziso ngendlela ibhunga elinokuthi lenze isigqibo sokubiza amagama abachongiweyo.

(b) Igama ngalinye elichongiweyo kumele libhalwe phantsi kwaye kumele -

(i) lisayinelwe ngamalungu amathandathu abasebenzi bezemfundo;

(ii) libe lelelungu labasebenzi bezemfundo;

(iii) likhatshwe sisamkelo esibhaliweyo sokuchongwa kwalo mgqatswa, kwakunye namazwana avela kuye, angadlulanga kumagama angama-200, ashwankathela iimpepha namava akhe; kwaye

(iv) lifunyanwe yirejistra ngalo mhla iwubekeleyo kwisaziso.

(c) Ukuba irejistra ifumana amagama abachongwa abathandathu okanye

ngaphantsi kunoko, kumele ibhengeze ukuba abo bachongiweyo bonyuliwe ngokwemigaqo.

Ukuba irejistra ifumene abachongwa abangaphezu kwabathandathu, kumele ibambe ibhalothi yabo basebenza kwezemfundo, indlela yokuthathwa kwebhalothi kumele kugqitywe ngayo libhunga kumaxesha ngamaxesha

(e) Ukuba irejistra ifumana abachongwa abangaphantsi kwabathandathu, kumele iyiphinde le nkqubo iku-(a), (b) no-(c) ukuze ifikelele kwabathandathu.

(7) Inkqubo apho abasebenzi abaziingcali, abenkxaso yezolawulo kunye nabancedisayo bonyula isithandathu kwiqela labo ukuba babe ngamalungu ebhunga lolonyulo imi ngale ndlela ilandelayo –

(a) Irejistra kumele ipapashe isaziso ngendlela ibhunga elinokuthi lenze isigqibo sokubiza amagama abachongiweyo.

(b) Igama ngalinye elichongiweyo kumele libhalwe phantsi kwaye kumele –

(i) lisayinelwe ngamalungu amathandathu aba basebenzi;

(ii) libe lelelungu laba basebenzi;

(iii) likhatshwe sisamkelo esibhaliweyo sokuchongwa salo mgqatswa, kwakunye namazwana avela kuye, angadlulanga kumagama angama-200, ashwankathela iimpepha namava akhe; kwaye

(iv) lifunyanwe yirejistra ngalo mhla iwubekeleyo kwisaziso.

(c) Ukuba irejistra ifumana amagama abachongwa abathandathu, kumele ibhengeze ukuba abo bachongiweyo bonyuliwe ngokwemigaqo.

(d) Ukuba irejistra ifumene abachongwa abangaphezu kwabathandathu, kumele ibambe ibhalothi yabo basebenzi, indlela yokuthathwa kwebhalothi kumele kugqitywe ngayo libhunga kumaxesha ngamaxesha

(e) Ukuba irejistra ifumana abachongwa abangaphantsi kwabathandathu, kumele iyiphinde le nkqubo iku-(a), (b) no-(c) ukuze ifikelele kwabathandathu.

(8) Ixesha elihlalwayo e-ofisini -

(a) ngamalungu ebhunga lolonyulo onyulwe yi-SRC lixesha elingangeenyanga ezili-12 ukusuka ngomhla beliqulunqwe ngawo okokuqala;

(b) ngamanye amalungu ebhunga lolonyulo lixesha elingangeminyaka emithathu ukusuka ngomhla belinqulunqwe ngawo okokuqala.

(9) Ukuba kubakho isithuba esivulekayo kwiinyanga ezili-12, kwaye kubekho isidingo sokuba ibhunga lolonyulo lihlangane, irejistra kumele ibize i-SRC ukuze igcwalise nasiphi na isithuba kolo didi lwamalungu awonyulwa yi-SRC.

(10) Ukuba kubakho nasiphi na esinye isithuba esivelayo kumalungu ebhunga lolonyulo, kube kukho isidingo sokuba ibhunga lolonyulo lihlangane, irejistra kumele -

(a) ibhengeze ukuba lo mntu ufumene inani elilandelayo leevoti kwibhalothi yokuqala emayelana noku, wonyulwe ukuze agcwalise esi sithuba; okanye

(b) ukuba isithuba esivelileyo sikudidi olonyulwa ngabanezidanga nabo

baneediploma kunye nabanezatifikethi, kwaye ukuba akukho mntu unjalo, makubanjwe ibhalothi ukugcwalisa esi sithuba kuphela ukuba kukho izithuba ezivelileyo ezithathu okanye ngaphezu koko, xa kunjalo kumele ibhalothi ibanjelwe ukugcwalisa zonke ezo zithuba; okanye

(c) ukuba isithuba sivele kulo naluphi na olunye udidi, kwaye ukuba akukho mntu unjalo, makubanjwe ibhalothi ukugcwalisa nasiphi na isithuba esinjalo;

(11) Ibhunga lolonyulo kumele lonyule i-chancellor ngebhalothi, kwaba bagqatswa bachongiweyo emva kokuba irejistra inikezele kwibhunga lolonyulo amazwana avela kubagqatswa besikhundla se-ofisi ka-chancellor.

(12) Ukuze umgqatswa onyulwe, kumele aphumelele ukufumana uninzi lwezi voti zifakiweyo.

(13) Ukuba akukho mgqatswa uphumelela uninzi lweevoti ezifakiweyo kwibhalothi, lo mgqatswa ufumene ezona voti zincinci kumele abekelwe ecaleni, kuze kubanjwe enye okanye ezinye iibhalothi de kubekho umgqatswa ophumelela uninzi lweevoti, ukuba abagqatswa ababini okanye ngaphezulu bafumene elona nani leevoti liphantsi, kumele kubanjwe ibhalothi ukwenza isigqibo sokuba ngowuphi umgqatswa kubo obekelwa ecaleni.

(14) Ibhunga lolonyulo lizimisela eyalo inkqubo ngaphandle kokuba -

(a) umongameli wentlangano, okanye ukuba akaphumeleli umongameli i-vice-chancellor, okanye ukuba bobabini abaphumeleli, ilungu lebhunga lolonyulo elonyulwe libhunga lolonyulo liya kuba ngumhlali ngaphambili kwiintlanganiso zalo; kwaye

(b) inani ekumele likho entlanganisweni ngama-32.

(15) Umntu akafanelanga ukuchongelwa ulonyulo lwe-chancellor, okanye abambe okanye aqhubeke nokubamba isikhundla se-ofisi sika-chancellor, okanye ukuchongelwa ulonyulo lokuba lilungu okanye lokuqhubeka nokuba lilungu lebhunga lolonyulo ukuba -

(a) ubhangile okanye uyabhanga; okanye

(b) kubhengezwe ukuba akamanga kakuhle engqondweni yinkundla yeRiphabliki; okanye

**(c)** emva kokonyulwa kwakhe, ugwetyelwe isenzo esaphula umthetho kwaye wanikwa isohlwayo sokulala entolongweni ngaphandle kokunikwa ithuba lokuhlawula isohlwayo yinkundla yeRiphabliki.

**(6) Ixesha elihlalwayo e-ofisini ka-chancellor**

(1) I-chancellor ihlala e-ofisini iminyaka eli-10, okanye de yenze isicelo sokuyeka, okanye ibhubhe, okanye de iyeke ukufanelekela ukubamba esi sikhundla ngokwemimiselo yomhlathi 5(15).

(2) Ukuba i-chancellor ayikho, okanye isikhundla sayo asinamntu, i-vice-chancellor, okanye xa ingekho lowo udlala indawo ye-vice chancellor okanye usekela vice-chancellor ochongwe yiyo, okanye ukuba abekho bonke, loo mntu ungomnye ubekwe libhunga kwesi sikhundla, udlala indawo ye-chancellor.

(3) Ukuba kuye kwavela isithuba nangasiphi na isizathu, i-chancellor elandelayo eyonyuliweyo ibamba isikhundla kule ofisi kangangeminyaka eli-10, okanye de icele ukuyeka okanye de ibhubhe, okanye de iyeke ukufanelekela

